UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

A NATION THAT WORKS FOR ALL

2030 NDP

# UMZIMVUBU NEWS

JULY-SEPTEMBER 2025 NEWS EDITION | UPHUHLISO KUMNTU WONKE

## EASY AND SAFE CROSSING FOR COMMUNITIES OF WARD 6

NGU: KHOBOSO LEBENYA







The Welisizwe Rural Bridges Programme is aimed at ensuring that rural communities can go on with their daily lives, and easily and safely reach schools, health facilities, workplaces and other amenities. This is a programme managed by the Department of Public Works and Infrastructure, the South African National Defence Force (SANDF) and provincial Transport Department. Constructed under the transformative Welisizwe Programme, the newly built bridge at Ward 6 in EmaXesibeni has provided the much-needed aide for residents of Sihlahleni and Welakabini villages respectively. Community members now have safe and reliable access to essential services such as schools and the health care facility. The bridge connects communities to Mwaca local clinic, pupils of Dumisa, Mlungiseleli and Machibini schools. This much needed bridge is improving the livelihoods of the rural communities of Ward 6 and surroundings. The construction of the bridge brought significant social and economic spin-offs to the surrounding community. Approximately 40 people were employed during the project, providing much-needed jobs and income to local families. This employment not only reduced short-term unemployment but also allowed workers to gain valuable skills and experience in construction and project management. The Umzimvubu Local Municipality Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu extends a word of gratitude to the national government through the Department of Public Works & Infrastructure and the South African Defence Force for this provision.

## KUNIKEZELWE NGONOKHONTILAKHA OZOKWAKHA IHOLO YASEKUHLALENI ISOGONI

BY: IVIWE MAKHASI







Ngomhla wamashumi amabini anesibini kweyeKhala 2025, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu unikezekele ngonokhontilakha ogama lingu Romanov 508 JV Andim Holdings, ozokwakha iSogoni Community Hall eWadi 17 KwaBhaca. Leprojekthi kulindeleke ithathe iinyanga ezisixhenxe kwaye ngamathuba omsebenzi angaphaya kweshumi elinesine ukunyuka alindelekileyo kubahlali balendawo.
"Siyabulela kuMasipala wethu ngale Holo kuba besiyidinga kakhulu, sizakutsho sibenendawo ekuyeyethu esibambela kuyo iintlanganiso zethu. Sibamba ngazibini sinombulelo omkhulu kuTata uNkosi kuba besizibambela kwakhe iintlanganiso",utshilo uTatu Siphumeze Ngxola ubhodi walendawo.

# KUBHIYOZELWE USUKU LOKUZALWA LUKAMADIBA ELUXWESA

NGU: LWAZI MAMBAFULA







Oomasipala basekuhlaleni, Umzimvubu kunye neNtabankulu bathe bavula ngokusesikweni iipreschools ezimbini nezithe zokhiwa yinkampani iBisimark esebenza noRumdel kwiilali iLuxwesa kunye neMjelweni ukubhiyozela iMandela Day. IBisimark yinkampani egrumba ilitye lokwakha uhola wendlela uN2 nenqumla kwabamasipala bobabini. 'Esi sisenzo sembuyekezo kubahlali bezilali nanjengoko bathi basivumela ukuba sikhe ilitye lokusebenza emhlabeni wabo". Uphefumle watsho uMnu Ndamase weBisimark. OnguSodolophu kulomasipala uCllr Zukiswa Ndevu uthe eli liphulo lokuqinisekisa ukuba ubomi babantu baseMzantsi Afrika buyatshintsha bubengcono. "Utata uMadiba enye yezinto ebezixabisile yimfundo, nanamhlanje imfundo isesesona sixhobo sinamandla ekutshintsheni ilizwe nehlabathi liphela. Olutyalo'mali lukaBisimark no Rumdel luzokuphucula umntwana oselula ngokwenza njalo kuphucuke amakhaya neentsapho zabo". Ququmbele watsho uSodolophu. "Namhlanje iPre -School yethu esiyakhelwe ngu Bisimark kunye noRumdel ivulwe ngokusesikweni. Besifudula sifundisela ebhodlweni, kunzima sinethwa ziimvula. Abantwana ngoku bazofundela endaweni ecocekileyo ebiyiweyo, bazokhuseleka, kwanemfundo yabo izobanomahluko". Utshilo utitshalakazi wase Luxwesa uNokwanda Mhlobongo.

# KUBHIYOZELWE USUKU LOKUZALWA KWENKONDEKAZI EGQIBA IKHULU ELINANYE LEMINYAKA (101).

NGU: LWAZI MAMBAFULA








Ngomhla wamashumi amabini anesithathu kweyekhala 2025 bekubanjwe umsitho wokubhiyozela usuku lokuzalwa lwenkondekazi uMam' uVuyelwa Gxabatshe, ogqiba iminyaka eyi 101 esitya amazimba ewadi 26 ePhuka, EmaXesibeni. Nanjengoko sisazi ukuba yinyanga ebekelwe bucala yokuzalwa kweGqala lomzabalazo uTatu Nelson Mandela, abahlali belali yasePhuka bathe bachitha i-67 yemizuzu ukubhiyozela usuku lokuzalwa kwale nkondekazi beyiphathele izipho. "Namhlanje sibhiyozela usuku luka Makhulu, nonguyena mntu omdala apha ewadi 26. Sibone kubalulekile ukuba simenzele lomsitho sibhiyoze kunye naye apha kwakhe. Sibulela kuye wonke umntu othathe inxaxheba ukwenza usuku luka Gogo lwayi mpumelelo", Utshilo Cllr Monwabisi Tuku.

UNtokozo Zungula nongumzukulwana walenkondekazi umncomile umakhulu ngeemfundiso zakhe esithi ubakhulisile bengabazukulwana. Ukwathe bavuya kakhulu ngolusuku lokuzalwa kwakhe kwaye bayambulela uThixo ngale minyaka amphe yona.

# LUXWESA COMMUNITY BENEFIT FROM NEW PRE-SCHOOL DEVELOPMENT

NGU: IVIWE MAKHASI







The Luxwesa community in Ward 09, EmaXesibeni, is set to benefit from an early childhood development as Rumdel, a civil engineering contractor, and Bisimark, a quarry permit holder, collaborate to construct a new pre-school in the area. The project forms part of the companies' plough-back initiative, demonstrating their commitment to uplifting local communities and promoting social development. Standing in for the Mayor, Cllr Inga Nodali, conducted a project walk-about to assess the progress of the construction, which was expected to be completed and handed over to the community by the end of July 2025.

"We are grateful to Rumdel and Bisimark, and we are pleased with the quality of work being done. "This pre-school will have a lasting impact on the community by improving access to quality early childhood education and building a strong foundation for future academic success," expressed Cllr Nodali.

Mr. Ndamase from Bisimark added, "We are proud to be part of this important initiative, which will undoubtedly make a meaningful difference in the lives of Luxwesa's youngest residents.

# UNIKEZELO NGEENKONZO EZINGUNDOQO ELUNTWINI

NGU: LWAZI MAMBAFULA





Umhla ngowamashumi amabini ananye kwinyanga yeKhala 2025, uMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu ekhokhelwe ngu Sodolophu wosuku uCllr Ntombizandile Garane, uthe wazisa unokhontilakha ozokwakha iholo yasekuhlaleni, eSikhumbeni kwaWadi 07 EmaXesibeni. Lonokhontilaka ogama lingu Nkamangana Construction, kulindeleke aqalise ukusebenza zingaphelanga iintsuku ezisixhenxe. Leprojekthi kulindeleke ukuba ithabathe iinyanga ezisixhenxe igqitywe kwaye ngamathuba omsebenzi angaphaya kweshumi azakuthi axhanyulwe ngabantu balendawo.

"Njengoko siqala unyakamali ka 2025/26 sithe bhazalala sazisa ngoonokhontilaka esizakusebenza kunye nabo ukokha izisekelo ezingundoqo ekuhlaleni ngokwezocwangciso zalonyaka. Eyonanto ebalulekileyo yeyokuba sisebenzisana noonokhontilaka basekuhlaleni ngenzame zokukhulisa uqoqosho lwase Mzimvubu". Utshilo Cllr Garane noyintloko kwicandelo lweZakhiwo eZisiseko noKucwangcisa kulomasipala.

# STRENGTHENING WORKING RELATIONS: MUNICIPAL SPEAKER ENGAGES TRADITIONAL LEADERS

BY: NANDI XANGAYI





On 18 August 2025, the Speaker of the Umzimvubu Municipal Council, Cllr Ndanele Mdzinwa, convened an engagement with the local Traditional Leaders at the Umzimvubu Local Municipality Conference Centre. The meeting was aimed to reinforce collaborative governance and improve the flow of critical information between the Municipality and traditional leadership structures.

The session focused on providing clarity around the Integrated Development Plan (IDP) processes, with the Speaker presenting a detailed report on its implementation and progress. Traditional Leaders were invited to ask questions, and share insights to ensure that their communities' concerns through Public Participation forums are addressed. Key directorates that were also part of this important session were representatives from the Public Participation and the IDP.

"This engagement reflects our commitment to inclusive governance and the recognition of Traditional Leaders as key partners in development, we believe that strengthening these working relations will lead to more responsive and culturally grounded service delivery," said Cllr Mdzinwa. Traditional Leaders appreciated the engagement convened as it helps them to be informed with Municipal programmes and projects that are currently being implemented.

The Umzimvubu Local Municipality remains committed to fostering transparent, accountable and participatory governance that respects the role of traditional leadership in community development.

UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY
**UPHUHLISO KUMNTU WONKE**

G20 SOUTH AFRICA 2025

A NATION THAT WORKS FOR ALL

# UMSITHO WOKUWONGA OOSOMASHISHINI ABABHINQILEYO

**NGU: KWANELE NOJOKO**







Umhla ngowamashumi amabini anesibini kweyeKhala 2025, Isebe leZolimo likunye noMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu bebesingathe umsitho wamabhaso wosomashishini ababhinqileyo (Women Entrepreneur Awards) eMulti purpose Centre, EmaXesibeni.

Ukanti lomsitho ubuzinyaswe ngamafama asuka kwiindawo ngeendawo ezahlukeneyo eziphantsi kwalomasipala Umzimvubu kunye nomasipala ombhaxa iAlfred Nzo, namanye amacandelo aquka uAfrican Bank, Metropolitan kunye no Old Mutual. Bekukho neqela labaxhentsi iSiyazama ebelisonwabisa kulomsitho.

"Injongo yolusuku kukuba siwonge amafama angamanina siwakhuthaza ukuba aqhubekele phambili nokulima nokudala amathuba emisebenzi kwindawo abakuzo, kuba ukulima kulishishini kukodwa", utshilo Umhlekazi uGqulu nongu Deputy Director wesebe lezolimo apha eAlfred Nzo.

Ngamanina asixhenxe athe awongwa ngeembasa nathe atshatshela kukhuphiswano naphuma komasipala abohlukeneyo base Alfred Nzo.

# USODOLOPHU UTYELELA IIPROJEKTHI EZIQHUBAYO

**NGU: NANDI XANGAYI**







Ukusonga inyanga yoMsintsi, uMasipala Umzimvubu uthe bhazalala kwiiwadi ezohlukeneyo etyelela iiprojekthi eziqhubayo ngomhla wama 30 September ukuya kowokuqala October 2025.


Le nkqubo entsuku-mbini, ithi ikhokhelwe ngusodolophu kunye nesigqeba sakhe ze baphelekwe ngamajelo eendaba ngeenjongo zokujonga inkqubela kunye nobume kwiiprojekthi eziqhubayo kulomasipala.


Zine iiprojekthi ezithe zatyelelwa leligqiza kwaye ziquka iMaduna/Majojweni Electricity Link-line nefakela umbane kwilali ezintathu zasewadi 06, iMpungulelweni Access Road engu 4KM wegrabile kunye neebholorho ezimbini ewadi 14, iFeedlot Storage ukuncedisa amafama enyama ebomvu ewadi 15 kunye nolwakhiwo leSikhumbeni Community Hall ewadi 07.

"Singumasipala sihamba sijonga iiprojekthi eziqhubayo kwiiwadi ngeewadi zalomasipala ngeenjongo zokujonga isimo kunye nomgama osele uhanjiwe nokuba kusasetyenzwa ngokwesicwangciso sayo iprojekthi. Ngokwenjenje silondoloza imali yabarhafi ukuze isebenze ngokufanelekileyo ukuphucula iimeko zasekuhlaleni" uphefumle watsho uCllr Zukiswa Ndevu ongusodolophu kulomasipala.

# NGABAHLALI ABANGAPHAYA KWAMA 400 ABAZAKUTHI BAXHAMLE KWISAKHIWO SEHOLO YASEKUHLALENI EWADI 3, EMAXESIBENI.

NGU: KWANELE NOJOKO







In a continued effort to be recognised as a model rural municipality with a vibrant economy and world class service delivery capabilities, we have in the previous financial year (2024/2025) invested close to R1 million for the installation of thirty (30) streetlights, through the Infrastructure Development Department. During the State of the Municipality Address and the Budget Speech held at Sigundwaneni Village in Ward 10 on the 29th of May 2025, the Mayor, Cllr Zukiswa Ndevu pronounced that the Municipality is in the process of installing 30 streets lights at EmaXesibeni in Ward 28. The Municipality can confirm that the installation of these streetlights is complete and are fully operational.

# NGABAHLALI ABANGAPHAYA KWAMA 400 ABAZAKUTHI BAXHAMLE KWISAKHIWO SEHOLO YASEKUHLALENI EWADI 3, EMAXESIBENI.

**NGU: IVIWE MAKHASI**










Umhla wamashumi amabini anesixhenxe kweyeSilimela 2025, umasipala wasekuhlaleni Umzimvubu unikezele ngokusesikweni ngeholo yasekuhlaleni iGugwini eWadi 3, EmaXesibeni "Singumasipala sithe bhazalala kwiiWadi ezahlukeneyo sinikezela ngeeprojekthi esele zigqityiwe kulonyaka-mali, Silapha eGugwini ke namhlanje ukuzovula le holo ngokusesikweni, sisithi ngoku yeyabahlali balelali ukuze bayisebenzise kwaye bayikhusele", uthethe watsho obengusodolophu kolusuku uCllr Ntombizandile Garane.

UNkosi uNogula uvakalise uchulumanco esithi bahlukene neengqele nemimoya xakufuneka bebambe iintlanganiso zabo esithi leholo ibakhuphile entluphekweni. Ukanti ngamathuba emisebenzi alishumi elinethoba athe avuleka kubahlali ngethuba bekusokhiwa leholo.

# COMMUNITY SUPPORT: UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY'S EFFORTS TO AID VULNERABLE HOUSEHOLDS

**NGU: KWANELE NOJOKO**







The Umzimvubu Local Municipality recently made a heartfelt gesture, visiting Ward 06 in the picturesque village of Mbumbazi in EmaXesibeni to hand over the keys to a brand-new house built for the Ngejane family. This touching ceremony was part of a broader initiative aimed at identifying and supporting vulnerable households in the community in each financial year. Through this initiative, the municipality carefully selects families in dire need of assistance and this year, four households were chosen – two from KwaBhaca and two from EmaXesibeni – to receive much-needed support. To make this initiative a reality, the municipality allocated a dedicated budget of R1 million. This funding will go towards providing essential support to these families and ensuring that they have a safe and secure place to call home. The house handover ceremony was a special occasion, as it marked a new dawn for the Ngejane family – a household headed by young children who lost their parents and were in dire need of a safe and stable living environment. The eldest of the siblings, currently in Grade 9, will now have a secure place to grow and thrive alongside their younger siblings. This thoughtful gesture by the municipality is a testament to the government's commitment of caring for its most vulnerable citizens. By providing a safe and secure home for the Ngejane family, the Umzimvubu Local Municipality is not only changing their lives but also sending a powerful message to the community – that every individual deserves a place to call home, regardless of their circumstances.

# URHULUMENTE USONDEZA IINKONZO ELUNTWINI

**NGU: NANDI XANGAYI**






Ngomhla wamashumi amabini anesithandathu kweyoMsintsi 2025 iSebe likaRhulumente lezoNxibelelwano (Government Communication and Information System - GCIS) lithe lasingatha ngempumelelo umboniso ngeenkonzo zamasebe eNophoyi Thusong Centre, KwaBhaca.

“Eli liphulo laminyaka le apho urhulumente athi azise iinkonzo kubahlali nanjengoko kuye kubenzima maxawambi kwabanye ukufikelela kwiinkonzo abazidingayo ngenxa yemali neminye imiceli mingeni” utshilo uMnu Kopo kaGCIS

NgamaSebe aquka elezeMpilo, elezoLimo, elezeMisebenzi, eloPhuhliso, uSASSA, uMasipala oMbaxa iAlfred Nzo, uIEC, uCensus, uRAF kunye no SAYouth athe abonisa kwaye anikezela ngeenkonzo eluntwini lalommandla. Ngabantu abaphuma kwiiwadi ezintathu u10, 12 kunye no 13 ezingqonge eliziko laseNophoyi nabathe baxhamla kulenkqubo.

“Kuluvuyo kum ukuba ndithe ndalufumana olusuku lwanamhlanje kuba ndilufumene uncedo ebendiludinga ngokwempilo kwaye ndiwafumene namachiza, ndoneliseka”. Uphefumle watsho uMama uMtebele nongumhlali kwaNguse.

UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY

**UPHUHLISO KUMNTU WONKE**

## NGABAFUNDI ABANGAPHAYA KWAMA500 ABATHE BAZUZA ULWAZI KUMBONISO CAREER EXPO EWADI 20 KWABHACA.

**NGU: IVIWE MAKHASI**





Ngomhla wesixhenxe kweyeThupha 2025, bekubanjwe umboniso weCareer Expo kwisikolo samabanga aphakamileyo iDangwana, KwaBhaca.

Lenkqubo nebiququzelelwa yiSakhikamva Foundation ibiquka abathathi-nxaxheba abaphuma kumaziko emfundo ephakamileyo, amasebe karhulumente kunye namaqumrhu abucala ukuzakufundisa kwaye babonise abafundi bebanga leshumi ngezakhono namakhono abanokuwalandela. "Sifuna ukuphuhlisa imfundo kwizikolo zeendawo esihlala kuzo, abantwana bakwazi ukufumana ulwazi ngezakhono abanokuzilandela emveni kokuba bezigqibile izifundo zabo zebanga leshumi " uthethe watsho uOnke Mkiva weSakhikamva Foundation.

Ngamaziko emfundo ephakamileyo aquka iFort Hare, iNelson Mandela University, Lilitha Nursing School, Ingwe TVET College, King Hintsa College kunye neKing Sabata Dalindyebo College, ooGqirha kunye Neenjineli abathe bazimasa lomsitho.

Ngabafundi abangaphaya kwama 500 abathe baxhamla nabaphuma kwizikolo iNgwekazi SSS, Dangwana SSS, Mount Frere SSS, Zibokwana SSS kunye neKwaShushu SSS.

G20 SOUTH AFRICA 2025 | A NATION THAT WORKS FOR ALL | 2030 NDP

# SAPS AND ULM HOST SPORT AGAINST CRIME AWARENESS CAMPAIGN

**NGU: IVIWE MAKHASI**







On 09 July 2025, the South African Police Service (SAPS), in partnership with the Umzimvubu Local Municipality (ULM), hosted a Sport Against Crime Awareness event at Badibanise Community Hall and later moved to the stadium in KwaBhaca, under the theme: "It is Still in Our Hands to Combat Poverty and Inequality." "As the South African Police Service, it is our duty to create a safe and secure environment for all South Africans. Through initiatives like the Sport Against Crime Awareness campaign, we aim to prevent crime and protect the safety and security of our communities," said Sgt Nonjinge.

The awareness campaign brought together several government departments, including the Alfred Nzo District Municipality, the Department of Education, the Department of Social Development, the Department of Community Safety, the Department of Environmental Health and Emergency Medical Services (EMS). "We are grateful for this initiative. We support and appreciate it, as it educates and discourages our young leaders from becoming involved in criminal activities," said Cllr Sincindi.

The soccer and netball tournament for Wards 16, 17, and 18 kicked off on 09 July 2025 at Badibanise Stadium, with the finals held on the 10th of July 2025.

## UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY MARKS ARBOR DAY WITH TREE PLANTING AND ENVIRONMENTAL EDUCATION

**NGU: PHINDILE KHOHLI**







As part of Public Service month Umzimvubu Local Municipality through the Citizen and Community Services Department, in partnership with Alfred Nzo District Municipality, joined hands on the 09th of September 2025 in KwaBhaca to mark Arbor Day through tree planting, clean-up activities, and environmental education. The event focused on young learners, educating them about the importance of trees, their role in sustaining life, their impact on clean air, climate change, and biodiversity. Environmental experts led sessions covering key topics such as the importance of trees, the relationship between climate change and forestry, deforestation, and reforestation. Learners were also encouraged to adopt these practices within their own households, highlighting the long-term benefits of environmental sustainability. The programme included a tree planting initiative at St. George's School, where ten trees were officially handed over. The programme was led by Portfolio Head for Citizen and Community Services Department, Cllr Noluvuyo Sonyabashi who was joined by Ward Councillor of the area, Cllr Jwara, and stakeholders such as the Alfred Nzo District Municipality, the Department of Economic Development and Environmental Affairs who planted trees alongside learners, encouraging them to care for their natural environment.

The Umzimvubu Local Municipality calls on all residents to take pride in their surroundings and work together to build cleaner and greener communities. A clean environment is not only about beauty, it's about health, dignity, and opportunity. By properly disposing of waste, planting trees, and keeping public spaces tidy, we create safer neighbourhoods and inspire future generations to value the land we share. A clean community is a strong community. A similar handover of ten trees took place on the 10th of September 2025, at Laduma SPS in EmaXesibeni.

